



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2009

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Ulwimi	(40)
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda ngocoselelo isicatshulwa esihamba nomfanekiso wandule uphendule imibuzo elandelayo.

NDIFUNA UKULUTSHAYELA ULWAPHULO – MTHETHO ERHAWUTINI



- 1 Intatheli yephephandaba ithi, "Xa bendingena kwi-ofisi kaChief Superintendent Beauty Legoabe, kumahlomela-dolophu akumantla eJozi bendingalindelanga ukufikela kwinenekazi elinesiqwana nelinobubele. Ndishiyeke ndimangalisiwe xa liphakama lindixhawula eli nenekazi liphambili ekulweni nolwaphulo-mthetho. Ndizibuze ngaphakathi ukuba ingaba nguye lo waqeqeshwa yiFBI?" Nakanye! Kodwa uncumo lwakhe lundixelele ukuba yeyona nto imsebenzelayo kuba abantu bayamdelela njengokuba besenza kumapolisa aseMzantsi Afrika, kanti badel'umqulu wesilika iyadi bengazibalanga. Xa umntu enokuqwalasela izezo ezi zakhe uBeauty, angatsho mhlophe ukuba eli nenekazi ngumde – ngeentonga wokwenene.
- 2 UBeauty uthi uyichasa ngokungathethekiyo into yokunikwa kwabantu izikhundla ngokwebala labo, yena uthi umntu ufanele ukunikwa isikhundla ngokomsebenzi wakhe. Sithetha nje uyintloko yamaqela amathathu eJohannesburg Metro Police Department alwa nolwaphulo-mthetho ukusuka eMidrand ukuya eVaal River. "Sikwanceda namapolisa eSouth African Police Services ekufuneni izikrelemnqa ezenze ulwaphulo-mthetho." Kaloku naye uqale ukulwa ulwaphulo-mthetho esaphangela kwiSAPS, apho wayekwisikhundla sokuba yikapteni kwaye ephanda amatyala odlwengulo eMamelodi. Kungoku nje sele iyiminyaka eli-17 wayinikela umva iSAPS esiya kuphangelela iJMPD.

- 3 Icandelo aliphetheyo nalo likwajongene namatyala odlwengulo, ukuqhekezwa kwezindlu nobusela. Amadoda namabhinqa aphantela kwicandelo lakhe ayazi ukuba uLegoabe akawafuni amavila. Uyigxeka ngokungathethekiyo into yamapolisa anqenayo nangamagwala. Yena ulikroti elithanda ukusebenza ngentlonipho, isidima nangokukhuthala. Xa esebenza neqela lakhe uthi ufuna iziphumo ezibonakalayo kuba eyona njongo yakhe kukulisiphula neengcambu ulwaphulo-mthetho apha eJoburg.
- 4 Luza kumnceda uqeqesho alufumana kwikomkhulu leFBI eQuantico, nalapho waqeqeshelwa ukuncina abarhanelwa, ukuphatha indawo yophando ekusweleke kuyo abantu, wafumana noqeqesho olunzima lomzimba. Ukufumana uncedo yeyona nto ikwenza uqhubeke ixesha elide kulo msebenzi.
- 5 ULegoabe usoloko ewabeke elisweni amapolisa aphantsi kwakhe ukuze awabone xa sele onganyelwe luxinzelelo lwengqondo olubangelwa ngulo msebenzi. Namapolisa akhe ke ayamnika iziphumo azifunayo ekulweni ulwaphulo-mthetho. "Ngamapolisa ecandelo lam abamba ababulali bakaLucky Dube," utsho.
- 6 Mhla amajelo osasazo avakalisa ukuba bekuhlangene inyoka nesele eDobsonville, eSoweto, kudubulana amapolisa nezihange, yayingumsebenzi weqela lakhe lowo. Apho koko kudubulana amapolisa akhe azibamba zonke ezo zihange kwafunyanwa imipu, iziqhushumbisi, iintambo zomnxeba, iiselula-fowuni noomatshini beATM. ULegoabe neqela lakhe ube ngomnye weqela lamapolisa aye kubonana noonoteksi emva kokuhlaselwa kwebhinqa elalinxibe ilokhwe emfutshane eveza konke kwisikhululo seeteksi *esiseNoord Street*.
- 7 Uthi akazange abubone ubulwanyana obufana nobo babusenziwa ngabantu kuloo ndawo yeeteksi. Nangona kunjalo, uthi babekhona oonoteksi abalungileyo nabanesimilo ababancedisayo kuphando ababelwenza. Eneneni ke kuthe emva kokugqithiselwa kwelo tyala liqela lakhe kumbutho wamalungelo oluntu, bonke abarhanelwa beziswa ngaphambili. Sithetha nje intlonipho yomntu wonke ibekwa phambili ngabasemagunyeni kuloo ndawo yeeteksi.
- 8 ULegoabe unethemba lokuba ethubeni ziza kuphucuka izixhobo zokusebenza zamapolisa. Ngokomzekelo eMelika amapolisa aneeleptophu kwaye ziyakwazi ukuqhagamshelana nezikhululo zamapolisa. Ukholelwa ekubeni eyona nto iphambili neliphupha lakhe kukusebenza ngokuzimisela ukuze uluntu luhlale lukhuselekile. Nathi siza kuba nazo ethubeni – ingakumbi xa sinamapolisa anjengoBeauty Legoabe azimisele ukusigcina sikhuselekile.
- 9 ULegoabe uthanda ukuthenga ingakumbi izihlangu neebhegi ezincinane. "Ungandibuzi ke ukuba ndinezihlangu neebhegi ezingaphi. Ndiyakuthanda nokupheka yaye ndichith'ixesha elininzi ekhitshini xa ndisekhaya." Uthi oyena mntu umkhuthazayo ngumama wakhe kuba wenza into ayitshoyo. Ukufunde kuye ukuhlonipha abanye abantu. Nguye owandikhuthaza ngamaxesha obunzima kulo msebenzi. Ukuzimisela kwakhe ukuwenzisisa umsebenzi wakhe kwamenza wabhinqa omfutshane emsebenzini wakhe. Akabathandi abantu abangathembekanga.

[Icatshulwe kwiBona kaJuni 2008 yahlelwa]

IMIBUZO:

- 1.1 Ngubani lo kuthethwa ngaye kwesi sicutshulwa? (1)
- 1.2 Lo mntu umbhale ku 1.1 wenza msebenzi mni, kwaye sesiphi isikhundla sakhe? (2)
- 1.3 Usebenza kweyiphi indawo lo mntu? Nika igama lePhondo. (1)
- 1.4 Iindawo ezimbini alwe kuzo nzima ubundlobongela, uzibabaza ngasiphi isizathu? (2)
- 1.5 Chonga indawo ibe nye kwezimbini angazilibaliyo lo mntu, apho athe walwa ubundlobongela nzima khona. (1)
- 1.6 Jonga kumhlathi wesi-2:
Uneminyaka emingaphi wayinikela umva iSAPS? (1)
- 1.7 Matanisa igama okanye ibinzana eliku-A nenkcazelo eku-B. Bhala inani nesimboli kuphela: umzekelo 1D.

KHOLAM A	KHOLAM B
1.7.1 Ukuxhawula	A ukuhlanjwa kwezandla
1.7.2 Ukulisiphula neengcambu	B ukususa ukhula
	C ukuyiphelisa tu kwaphela
	D ukubulisana ngokubambana ngezandla

- 1.8 Xa ubala ukusukela kulo nyaka ingaba wayishiya ngowuphi unyaka iSAPS? (1)
- 1.9 Icandelo elikhokelwa ngulo mntu lijongene namatyala anjani? Nika umzekelo ube mnye. (1)
- 1.10 Bhala ezi zifinyezo ngokupheleleyo ngesiLungu:
- 1.10.1 SAPS (1)
- 1.10.2 JMPD (1)
- 1.11 Sithini isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-2. (1)
- 1.12 Bhala isithetha-ntonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-3. (1)
- 1.13 Iphupha likaLegoabe linantsingiselo ni kuwe njengommi woMzantsi Afrika? (2)

- 1.14 Nika izinto zibe mbini awaqeqeshelwa zona yi-FBI eQuantico. (2)
- 1.15 ULegoebe uthi yintoni eyenza aqhube ixesha elide kulo msebenzi? (1)
- 1.16 Jonga kumhlathi wesi-5:
Chonga isivakalisi okanye ibinzana lentetho elingqina oku kwisicatshulwa.
"Lo mfazi ubakhathalele abasebenzi abaphantsi kwakhe." (2)
- 1.17 Xela impumelelo yamapolisa ecandelo lakhe xa ayedibene nezihange njengoko ixeliwe kwisicatshulwa. (2)
- 1.18 Amapolisa aseMelika anendlela elula yokuqhagamshelana nesikhululo samapolisa. Xela le ndlela. (1)
- 1.19 Caphula ibinzana elibonisa ithemba lokuba noMzantsi Afrika uza kufana neMelika ngokusebenzisa obu buchwepheshe. (1)
- 1.20 Jonga kumhlathi wesi-9:
Xela into ibe nye oyaziyo ngoLegoabe apha kwisicatshulwa. (1)
- 1.21 Kulo mfanekiso, chonga uze ubhale phantsi izinto ezimbini ezalatha ukuba lo mntu lipolisa.

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa uze wandule ukusishwankathela ngamagama angama-50 ukuya kuma-60.

Nanga amanyathelo ekufuneka uwalandele xa ushwankathela:

- Nyathela kwiingongoma eziphambili usebenzisa awakho amazwi.
- Shwankathela ngeengongoma ezisixhenxe okanye ngomhlathi oneengongoma ezisixhenxe.
- Shwankathela ungadluli kumagama angama-50 ukuya kuma-60.
- Sebenzisa ulwimi olusulungekileyo.
- Bhala usebenzisa umhlathi onezivakalisi ezipheleleyo.
- Upelo, iziphumlisi, ulwahlulo lwamagama malujongwe.

INDLELA YOKUPHEPHA ABAPHANGI NOBUQHETSEBA

UMzantsi Afrika ulelinye lamazwe ahamba phambili kwezoqoqosho kweli zwekazi le-Afrika. Ngelishwa kwimeko apho uqoqosho lwelizwe lukhangeleka luncumisa, kuye kufumaniseke ukuba nezinga lobundlobongela ndawonye nolwaphulo-mthetho lunyuka ngeyona ndlela ingathethekiyo. Xa kuthelekiswa namazwe afana nooBotswana, Bhilitane, Tshayina, namanye amazwe anoqoqosho oluncumisa phantse ngokufanayo nolu loMzantsi Afrika, iziphumo zophando ziveza ukuba uMzantsi Afrika uhamba phambili kuwo onke la mazwe ngolwaphulo-mthetho.

Amagosa ezomthetho nalawo asebenzela imibutho elwela amalungelo abantu, awa evuka ezama ukuza neendlela zokukhusela abemi boMzantsi Afrika kubaphangi abanobuqhinga. Ikomiti esanda kusekwa yamagosa omthetho namalungu alwela amalungelo abantu ithi, "Ukuba umntu ukholelwa ekubeni angalixhoba lokuphangwa zizihange, amashishini anobuqhetseba, izizalwane ezingoongantweni abangathembekanga, okanye nabani na mabangalibazisi okanye badukise, koko mabakhawuleze bachazele amapolisa ngeso senzo sophango okanye amanakani okuphangwa."

Abantu ingakumbi abathengi bayacelwa ukuba baqaphele ezinye zezi zinto xa besebenzisana nabathengisi bayo nayiphi na into: amaxwebhu oshishino angachazwanga ukuba aphuma phi na, ukufumana umnxeba ovela kubathengisi ongenalwazi lwabo, ingxelo yamatyala ongayaziyo efika kuwe, ukunikezela ngenombolo yakho yesazisi nakubani na, kunye nokutsalwa kwemali yakho ungakhange unike mvume yoko.

Izisombululo zayo yonke le meko zilula. Nazi: qaphelisisa phambi kokusebenzisa umatshini wokutsalwa imali, musa ukunikezela ngenombolo okanye incwadi yakho yesazisi nakubani na, musa ukudiywaza xa uthenga ngetyala ezivenkileni, kungenjalo uzame ukungathengi ngatyala, qiniseka maxa onke ukuba apho uhlala khona okanye uhamba khona akuwedwa kwaye ukhuselekile, kananjalo, xa uvakalelwa ngathi kukho uphango olunokwenzeka okanye uphango ulubone lusenzeka, chaza emapoliseni ngokukhawuleza.

[Sicutshulwe kwiCity Press, saza saguqulelwa esiXhoseni]

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

Jonga imifanekiso engezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

<p style="text-align: center;">IBHLOKO 1</p> <p>Ndincedeni torho nindifunise uShoti. Ungofileyo namhlanje!</p> <p>Kutheni? Kuqhubeka ntoni?</p>	<p style="text-align: center;">IBHLOKO 2</p> <p>Ndixeleleni ukuba uphi kuqala ukuze ndinixelele ukuba kuqhubeka ntoni...</p> <p>Hayi noko Chiskop, uyazi nje ukuba ungasithemba, mfondini!</p>
<p style="text-align: center;">IBHLOKO 3</p> <p>Kulungile. Bendinceda abafundi bematriki xa belungiselela ukubhala iimviwo zabo zokuphela konyaka...</p> <p>Nyhani?</p>	<p style="text-align: center;">IBHLOKO 4</p> <p>Yinto entle leyo, mfondini! Yintoni ke ngoku ingxaki?</p> <p>Ingxaki kukufika kukaShoti!</p>
<p style="text-align: center;">IBHLOKO 5</p> <p>Ufike wabaxelela ukuba mna ndatshona iimviwo zam zematriki izihlandlo ezithathu ngaphambi kokuba ndizipase!</p> <p>Nyhani?!</p>	<p style="text-align: center;">IBHLOKO 6</p> <p>Uthe ndiza kubenza ukuba bazifumane iziqinisekiso zabo sele betshone kathathu!</p>
<p style="text-align: center;">IBHLOKO 7</p> <p>Ha! Ha! Ha! Sinqwenelela amathamsanqa kwiimviwo zenu, Majimbos!!!</p> <p>Uyindoda emfutshane ethetha gqitha!</p> <p>Uyindoda ende enengqondo encinci!</p>	


- 3.1 Kwibhloko 1, igama u-torho wenze msebenzi mni kwesi sivakalisi? (1)
- 3.2 Kwibhloko 1, nika intsingiselo ka-ungofileyo. (1)
- 3.3 Kwibhloko 2, amachaphaza asekgqibeleni kwesivakalisi athetha ntoni? (1)
- 3.4 Bhala isivakalisi esikwibhloko 3 kwixesha elizayo. (2)
- 3.5 Kwibhloko 4, khetha isichazi sibe sinye uze uxele nodidi lwaso. (2)
- 3.6 Kwibhloko 5, sebenzisa igama u-ndatshona kwisivakalisi esiphuhlisa intsingiselo eyahlukileyo. (2)
- 3.7 Chonga isihlanganisi esifumaneka kwibhloko 6. (1)
- 3.8 Kwibhloko 7, u-Ha! Ha! Ha! Sisigaba sini sentetho? (1)
- 3.9 Kwibhloko 7, igama "uyindoda" lisesiphi isigaba sentetho? Khetha kwezi zigaba zentetho zilandelayo: (1)
- A Sisibizo
- B Sisihlomelo
- C Sisibanjalo (1)

[12]

UMBUZO 4

- 4.1 Chaza uhlobo lwezixando zezenzi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kwezi zivakalisi zilandelayo:
- 4.1.1 Ityala liyaqhutywa nokuba akafumanekanga. (1)
- 4.1.2 Kubonakala kunzima ukufumaneka kukaMnu. Khululekile. (1)
- 4.2 Bhala esi sivakalisi ngemo ende.
- Umzekelo: Inja ikhonkotha ikati.
- Impendulo: Inja iyakhonkotha.
- Intombazana ivuya kakhulu. (1)

4.3 Funda lo mhlathi ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:



Isikolo saseRhawutini ekuthiwa kuseZinunu yayisisikolo esidume kakhulu ngokufundisa nangokuphumelela kwabafundi abafunda kuso. Ngenxa yomgangatho waso ophezulu sasidla ngokuba namanani aphezulu kakhulu abafundi. IZinunu sesinye sezikolo ezikhuphe iinkokheli ezaziwayo. Kwalile ngamnyaka uthile kwavuka izidube-dube ezikolweni jikelele ngokukodwa ezamabanga aphakamileyo. Uba ngafunda amaphepha-ndaba, umamele oonomathotholo, ubukele oomabonakude, kwakukhalwa ngezi zidube-dube.

Esi sivakalisi sikwimo evumayo. Khawusijike sibe kwimo elandulayo:

4.3.1 Isikolo saseZinunu sidume ngokufundisa kakhulu. (1)

4.3.2 Loluphi uphawu lwesiphumlisi olusentethweni katitshalakazi? Khetha kwezi zilandelayo.

- A Isingxi.
- B Luphawu lombuzo.
- C Luphawu lwesikhuzo. (1)

4.3.3 Bhala esi sivakalisi sibe kwisinye:

Isikolo esikhuphe iinkokheli ezaziwayo. (2)

[7]

UMBUZO 5

5.1 Nika amagama abolekwe esiNgesini athetha into enye nala:

5.1.1 Oonomathotholo (1)

5.1.2 Oomabonakude (1)

5.2 "Ndiyawuthanda ngokungazenzisiyo uMzantsi Afrika kuba ulilizwe elamkela wonke umntu, kungakhethe mvelaphi, lwimi, bala nankcubeko yakhe," utshilo uNtsika.

Qala esi sivakalisi singasentla ngolu hlobo:

UNtsika uthe ... (2)

5.3 Ingaba le ntetho ityhila ingcinga enjani?

"Ngamadoda odwa akwaziyo ukomba imisele nokwakha izindlu ezomeleleyo."

Khetha kwezi zingezantsi:

A Ukucenga ngeenjongo zokuba ubani avume.

B Ukujijwa kwengqondo.

C Ingcinga enye nebetheleleke engqondweni ngento ethile. (1)

5.4 Lungisa kakuhle ulandelelwano lwamagama kwesi sivakalisi ukuze sivakale kwaye sinike intsingiselo echanekileyo:

Uza kuba UMzantsi Afrika lokufikelwa nethamsanqa amazwe ngamazwe ngo-2010. (2)

[7]

UMBUZO 6

6.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo eyalelayo:

Uza kulucebisa ulutsha olungamaxhoba eziyobisi. (2)

6.2 Uthe xa ufunda ngomdla isimemo setheko lomhla wokuzalwa komhlobo wakho wadaniswa yindlela esibhalwe ngayo esi simemo. Sibhale ngokutsha uze ulungise iziphene kuso.

Chomee yam, ndiyakumema ukuba uzokonwaba nam xa ndibhiyozela umhla wokuzalwa kwam kule veki izayo ngoLwesihlanu. Ndifuna uzibonele ngawakho amehlo ukuba iqabane lam uloyiso umhle. (5)

[7]

UMBUZO 7

- 7.1 Gqibezela ezi zaci okanye amaqhalo ngokufakela amagama ashiyiweyo:
Khetha kuluhlu lwamagama angezantsi:

ibhekile; ngumboko wayo; ibhola; nesele;
ngumthwalo; nengonyama; mntwana

- 7.1.1 Indlovu ayisindwa ... (1)
- 7.1.2 Yinyoka ... (1)
- 7.1.3 Ixhego liyikhabile ... (1)

- 7.2 Funda esi sivakalisi uze uphendule imibuzo elandelayo:

Kwakusasa uMamJwarha yena ukhwele inqwelo-mafutha ukuya kuthenga ooni-nooni edolophini elungiselela itheko lentombi yakhe.

- 7.2.1 Kwesi sivakalisi singentla siku-7.2, chonga isihlomelo sibe sinye uze unike nodidi lwaso. (2)
- 7.2.2 Kwakwesi sivakalisi siku-7.2, chonga isimelabizo uxele nendlela esisetyenziswe ngayo. (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80